



Iibhokhwe ezintathu



UMbhali: Cathy Lincoln


Imizobo: Helga Hoveka



Iibhokhwe ezintathu zazihlala
endulini.

Ingca yayimdaka ngebala.

Iibhokhwe zilambile.



Iibhokhwe zajonga ngaphaya
kwebhulorho.

Zabona ingca eluhlaza.



Ibhokhwana encinane yaqale
yahamba.


Izim lathi, “Ngubani oqakatha
ebhulorhweni yam? Ndiza
kukutya!”

“Ungandityi!” yatsho
ibhokhwana encinane.



Yalandela ibhokhwe ephakathi.
Izim lathi, “Ngubani oqakatha
ebhulorhweni yam? Ndiza
kukutya!”

“Ungandityi!” yatsho
ibhokhwana ephakathi.



Ibhokhwe enkulu yalandela.

Izim lathi, “Ngubani oqakatha ebhulorhweni yam? Ndiza kukutya!”

“Ngekhe unditye!” yatsho ibhokhwe enkulu. Yalityhalela emanzini izim. Dyumpu!



Iibhokhwe ezintathu zatya ingca
eluhlaza.

Ngolonwabo!